

2 Funani ubuso baKhe ngokuthandazela ukusindiswa kweziqu zenu (imizuzu emi-5)

Cingani ngale mibuzo xa nithandazayo:

- Sikhona na isono endingazange ndisivume ebomini bam?
- Ingaba ndifukame ukungabi nako na ukuxolela kwakunye nenzondo ebomini bam?
- Ndinayo na imikhwa nezenzo zentandabuzo ebomini bam?
- Ingaba ndiwuthobeke na uMoya oyiNgcwele roqo kuzo zonke iimeko?
- Ingaba ndimvuma ngokungenazintloni na uYesu?

3 Thandazelani iintsapho, izihlobo kunye nabantu ngabanye (imizuzu emi-5)

1. _____ 4. _____
2. _____ 5. _____
3. _____

- a. Thandazelani ukububuyisela uBomi beNtsapho emakhaya kwisimo esifanelekileyo;
- b. Thandazelani usindiso lwabo, khon' ukuze uThixo abasikelele (emoyeni, ekuhlaleni nasemiphefumleni), nithandazele neemfuno zabo ezinjengempilo, amalungiselelo okuphila kunye nokhuseleko;
- c. Thandazelani ukuba amadoda alikhokhele ngokwawo idabi lokulwa ukuhlukunyezwa nokwenziwa amakhoboka kwabaseTyini nabantwana;
- d. Thandazelani abo bazimanyileyo ukuba bazimisele kwaye babenako ukusisombulula iingxabano zabo;
- e. Thandazelani ukuba abazali bangawuvuseleli umsindo wabantwana babo, nithandazele ukuba nabantwana bababeke abazali babo (Efese 6: 1-4).

4 Funani ubuso baKhe khon' ukuze uFefe lwaKhe lubonakale eCaweni (imizuzu emi-5)

1. _____ 4. _____
2. _____ 5. _____
3. _____

- a. Thandazelani ukuba onke amabandla avuseleleke, iNdlu yam ibe yindlu yokuthandazela zonke izizwe (Isaya 56:7; Mateyu 21:13).
- b. Thandazelani amabandla alizalisekisayo iGunya eliKhulu kunye noMthetho omKhulu (Mateyu 28: 18 - 20; Mateyu 22: 37 - 40).

- c. Thandazelani ukuvuseleleka kweCawa; ukusindiswa komphefumlo kwakunye nokuba iCawa ithembeke kuLizwi.
- d. Thandazelani ukuvuselelwa kobudlelane phakathi emabandleni kunye nokuba moya-mnye phakathi kwamabandla: iyantlukwano, ukuziqhayisa, umona, njalo njalo.
- e. Thandazelani ukuba iCawa iphelelwe luloyiko kunye nokuba ilizwi lesiprofeto seziBhalo lihambe naye, kwaye limlungise uRulumente ngamaxsha nalapho kufanelekileyo.

5 Bufuneni ubuso baKhe xa nijonge iimfuno zezoRwebo (amaqumru orwebo, amaqumru abo baqeqeshiweyo, kunye nabantu) (imizuzu emi-5).

1. _____ 4. _____
2. _____ 5. _____
3. _____

- a. Abaqeshi, abanini maqumru, abo badala amathuba besebenzisa izakhono zabo ukwakha amashishini athi abe yinkonzo ebantwini bedala namathuba emisebenzi.
- b. Thandazelani oosomashishini ukuba bayiqwalasele ngokunyaniseka imithetho yezorewbo - bangavumi ukunyotywa, bayihlawule ngethuba irafu, behlawula nemivuzo noko ngokufanelekileyo.
- c. Thandazelani oosomashishini ukuba babe nezithethe ezinesidima kuyo yonke into abayenzela abaqeshwa kwakunye nabayenza nabaqeshwa kwakunye nabo baxhasa amashihini abo.
- d. Thandazelani ukuba oosomashishini basebenzise impembelelo abanayo kwakunye nesixa senzuzo yabo njengegalelo labo ukutshabalalisa indlala egqubayo eNM Bay.
- e. Thandazelani amalinge ezorwebo eNM Bay, eNgqura khon'ukuze abenakho ukuhlangabezana neemfuno zasekuhlaleni.

6 Bufuneni ubuso baKhe nithandazele imfuno (imizuzu emi-5)

1. _____ 4. _____
2. _____ 5. _____
3. _____

1. Thandazelani ukuziphatha ngendlela eqeqeshekileyo, uthakazelelo nokuba abasebenzi babe ngumzekelo
2. Thandazani ukuba umbuso uzikhuphe ngokwaneleyo izixhobo zokusebenza, kanti nabo bathe banethamsanqa lokuzifumana baziphathe ngendlela (kuyekwe ukuzitshabalalisa ngolunya)
3. Thandazelani bonke abafundi - bathi abo bakuKristu phakathi kwabo beme ngobugorha ekwenzeni okulungileyo, bathi abo bangekahlangani neNkosi batsalelwe apho banokuthi badibane noYehova; bathi abo bangamalungu amaqela obundlobongela benziwe baqonde ukuba bayazenzakalisa bona kwakunye noluntu; nithandazele nabo bazisisulu, kanti nabo bangabahlukumezi nabo banodlame.
4. Nithandazele nezo nokheli zinoxanduva lokuphucula nokugcina izinga lezemfuno likwimo entle.
5. Thandazelani abafundi ukuba babe nendlela yokuziphatha ebomini.

7 Bufuneni ubuso baKhe ngokuthandaza kuLizwi (imizuzu emi-5)

Xa niqalisa ukuthandaza kwenzeni oko ngocwangco nisebenzisa iiNdumiso. Wusekeni umthandazo wenu phezu kweeNdumiso, nifunde nokuba zimbini nokuba zinthathu roqo ngexesha enithandazayo ngalo.

8 Bufuneni ubuso baKhe ngokuqhaphela nokuphulaphula (imizuzu emi-5)

Celani iNkosi ukuba inityhilele izinto ezintsha, izinto afunayo yena ukuba niziqhaphela kubekho enikwenzayo ngazo. Mthandazeni uThixo ukuba anityhilele intando nezicwangciso zakhe. Mceleni uThixo ukuba nikwazi akucingayo nafuna ukuba nina nikuthandazele. Kubhaleni phantsi konke enicinga ukuba uThixo uyakuthetha kuni.

9 Bufuneni ubuso baKhe nicela impumelelo kwaye nokuba angenelele kwimingeni enijongene nayo eNM Bay (imizuzu emi-5)

1. Ingculazi yeHIV/AIDS, iindlela ezingafanelekanga zokuziphatha kwezsono, nokuthengisa ngemizimba.